Ikamva-Ukunonophela abantwana bethu

IsiFundo ngezoNqulo iKlasi 2

Isihloko sesifundo: Abapostile bakaYesu Krestu

Isikhokelo soMzali

Isikolo seCawa saseKhaya

Mzali Othandekayo

Wamkelekile kwisifundo ngezoNqulo 2 esithi **“Abapostile bakaYesu Krestu”**

Olu xwebhu luya kunika isikhokelo esingekuphi ngendlela oza kusenza ngaso isifundo.

Uzilungiselela usibeke njani na isifundo

Ngezantsi kukho amanye amacebiso endlela onokusilungiselela usenze ngawo isifundo:

Inyathelo	Omakukwenze
1.	Fikelela kwikhasi lebandla eliTsha lobuPostile ngokufaka okanye ucofe kwikhonkco elilandelayo elisuka kwi-WhatsApp: https://bit.ly/3NACSSHS
2.	Qokelela ezi zixhobo zilandelayo ukuze uqiniseke ukuba usilungele isifundo: • iBhayibhile • Isifundo esikwimo yePDF esele ilungisiwe • Incwadi yomsebenzi womntwana kunye neepensile, iikhrayoni, njl. • Isiqwana sevideo sisixhobo esongeziweyo / sisixhobo esongezelweyo sokuzikhethela **Qaphela:** 2.1: Elona xesha lifanelekileyo ekufundiseni isifundo kusemva kwenkonzo yakusasa ngeCawa ukugcina inkqubo eqhelekileyo yesiKolo seCawa. . 2.2: Nceda usenze sigqale kumxholo (sibe sifutshane) kangangoko, ucingele ixesha labo lokukwazi kwabo ukuphulaphula (ukugxila kwisifundo) sabantwana bethu-umazi kakuhle umntwana wakho! ISikolo seCawa ngokwesiqhelo asidluli kwimizuzu engama-45. 2.3: Isifundo seseklasi ngaye (Umzekel. SS, RI okanye Isiqinisekiso). 2.4: Nceda unxibelelane notitshala wesiqinisekso ukuba ufuna naluphina uncedo okanye ufuna nasiphina isixhobo kwezi zingasentla.
3.	Thandaza (jonga umthandazo osekupheleni kolu xwebhu) kwaye ucele uThixo ukuba akusebenzise njengesixhobo sokuzisa isifundo ngendlela ayakuthanda ukuba sisenze ngayo.

Ukwenza iSifundo seSikolo seCawa ekhaya

Uzilungiselela usibeke njani na isifundo

Siyaqhubekeka ukwabelana ngamacebi athile ngendlela esinokuthi silungiselele ukwenza isifundo:

Inyathelo	Omakukwenze
4	Dala indawo yokufunda emnandi, engenasiphazamiso apho wena nabantwana nikwinqanaba elifanayo. **Umzekelo**: Hlalani phantsi okanye ningqonge itafile.
5	Funda isifundo. Phinda ufunde isifundo ukuze usiqonde. Bukela isiqwana sevideo sesifundo ukufumana ulwazi olungcono lwesifundo.
6	Zenzele amanqaku kwiingongoma ezibalulekileyo ongathanda ukuzikhumbula.
7	Yiqonde injongo yesifundo ekufuneka sikhunjulwe ngumntwana wakho.
8	Fundisa isifundo kumntwana wakho.
9	Mbonise umntwana wakho ivideo kwaye uphinde ugxininise kwintsingiselo.
10	Jolisa umntwana wakho kumsebenzi okwincwadi yomntwana
11	Thandaza, okanye ucele umntwana wakho athandaze ukuvala isifundo.

Izixhobo ezifumanekayo ngokweSikolo saseKhaya

Nazi izixhobo zokuphucula umgangatho wesifundo:

1. Incoko ka-WhatsApp ngesifundo kunye nolunye usapho olunomntwana okwisiFundo ngezoNqulo 2.
2. Xoxa ngesifundo nabanye abazali ukuze ufumane ingcaciso ngokubhekisele kwisifundo ngaphambi kokuba usifundise.
3. Zive ukhululekile ukwenza olwakho uphando ukumana iinkcukacha (ezongelelekileyo).
4. Thetha kunye nomphathi webandla wesikolo seCawa okanye utitshala.

Isifundo

Isihloko seSifundo	Abapostile bakaYesu Krestu
Isicatshulwa seBhayibhile	Luka 6: 12-16; Zenzo 1: 25-26; Zenzo 13: 1-4; Zenzo 14:14; Roma 16: 7 nakumaGalati 1: 19
Injongo yesifundo	Abantwana baqaphela abathunywa (onozakuzaku) bakaYesu Krestu kubaPostile.

Isishwankathelo sesifundo:

- Igama elithi Mpostile lithetha unozakuzaku okanye umthunywa, oko kuthetha lowo uthunyiweyo.
- NoYesu ngokwakhe wamisela abaPostile abalishumi elinambini kubafundi baKhe (abalandeli). Ukufumana ukuba amagama abo funda, uLuka 6: 12-16.
- Emva kokunyuka kukaKristu, uMatiya wachongwa esikhundleni sikaYudas Skariyoti, umngcatshi, owazibulala.
- UYesu wathunyelwa emhlabeni nguYise kwaye ngaphambi kokuba abuyele kuYise, wathuma abaPostile ebantwini ukuba bame endaweni yaKhe.
- INkosi uYesu yanika abaPostile intumelo negunya lokukhokelela uluntu kuThixo ngelizwi nangesakramente. Funda uMateyu 28: 18-20.
- Uxanduva lwabapostile lolu:
  - Ø Njengoonozakuzaku bakaKrestu - bavakalisa ivangeli yosindiso ngoYesu Krestu.
  - Ø Njengabakhonzi bakaKristu - bakhonza uYesu kunye nebandla laKhe.
  - Ø Njengamagosa kaKrestu - banoxanduva lokwazisa ngokufanelekileyo ivangeli kunye nokuphathwa kwesakramente.
  - Ø Bayazinikela kwisikhonzo selizwi - bashumayela ngosindiso lukaThixo kwaye banegunya lokuvakalisa ngoxolelo lwezono.
  - Ø Bahlanganisa ibandla elingumtshakazi (thina) baze babalungiselele ukubuya kukaYesu Krestu.
- Abapostile babulawa ngenxa yokholo lwabo, babebizwa ngokuba ngabafeli bokholo, oko kuthetha ukuba ngumlandeli kaYesu, kwaye uMpostile uYakobi wayengumpostile wokuqala owafa njengomfeli-kholo.
- Emva kokuba bonke abaPostile bebandla lakuqala befile, abaVeleli nezinye iinkokheli zakhathalela amabandla zaqhubekeka nokusasaza ivangeli kaYesu.

- Kangangeenkulungwane ezininzi kwakungekho baPostile abasebenzayo, de kwaba ngu 1832, eNgilane, xa uJohn Bate Cardale, ngesiprofeto, wabizwa ukuba abe nguMpostile wokuqala wexesha lesiphelo.
- Namhlanje, bangaphezulu kwama-400 abaPostile abasebenzayo kwihlabathi liphela Bandla eliTsha lobuPostile kwaye nomsebenzi wabo namhlanje, uhlala ufana nomsebenzi webandla lokuqala.

Sithetha ukuthini esi sifundo kuthi namhlanje?

- UYesu wanyula abaPostile abalishumi elinambini kubafundi baKhe, wabathuma emhlabeni benentumelo kunye negunya lokukhokelela uluntu kuThixo ngelizwi nangesakramente.
- AbaPostile bethu namhlanje, banentumelo efanayo negunya lokusikhokelela kuThixo ngelizwi esilifumanayo kwinkonzo yobungcwalisa kunye neesakramente (Ubhaptizo oluNgcwele, uTywino oluNgcwele kunye noMthendeleko oNgcwele).
- Abapostile bangonoozakuzaku, izicaka namagosa kaThixo.
- Bashumayela ngecebo losindiso lukaThixo kwaye banegunya lokuvakalisa uxolelo lwezono.
- Abapostile basinika ukhathalelo kwaye balungiselele amabandla ukubuya kukaYesu Krestu.

Ukuqukumbela bantwana abathandekayo, abaPostile baxhoxisiwe ukuba ba:

- Xolelanisa, oku kuthetha ukudibanisa abantwana bakaThixo omnye nomnye.
- Sifundise ngobabalo lukaThixo, ngoMoya oyiNgcwele, ubulungisa, intsingiselo yokunyaniseka, nelizwi likaThixo neendlela zaKhe.
- Abapostile bethu kwihlabathi lonke banoxanduva olukhulu kwaye ke kufuneka sihlale sithandazela ukuba uThixo abanike amandla, isikhokelo kunye nolwazi lokuzalisekisa uxanduva lwabo olukhulu.
- Ubenosuku olumnandi, Enkosi kwaye usale kakuhle.

Yenza uMsebenzi 1 no 2 nomntwana wakho.

Eminye imibuzo esinokuyibuza:

1. **Bangaphi Abapostile abanyulwa nguYesu kubafundi baKhe?**
   Impendulo: Balishumi elinambini
2. Ithini intsingiselo yegama elithi uMpostile?
   Impendulo: Igama elithi Mpostile lithetha unozakuzaku okanye umthunywa, oko kuthetha lowo uthunyiweyo.
3. Chaza amagama amane abaPostile abalishumi elinambini abanyulwa nguYesu?
   I**mpendulo:** Banokuthiya nabane kuLuka 6: 14-16
4. Ngubani owamiselwa njengoMpostile endaweni kaYudas Iskariyoti, umngcatshi?
   Impendulo: nguMatiya
5. Ngubani umpostile wokuqala owafela ukholo?
   Impendulo: NguMpostile uYakobi
6. Ngubani owabizwa ukuba abe nguMpostile wokuqala wexesha lokugqibela kwaye yayingowuphi lo nyaka?
   Impendulo: NguJohn Bate Cardale ngo-1832

Umthandazo kaTata noMama wokuthandaza ngaphambi kwesifundo:

Bawo othandekayo osezulwini, enkosi ngolunye usuko kwanothando nobubele baKhe.

Nceda usikelele umama notata wam uze usikelele iinkokhelo zethu kwakunye nazo zonke izihlobo neentsapho zethu.

Siyakuthandaza ukuba sisoloko sikuxabisile nokuba sibathobele abazali bethu.

Sisikelele ukuze sibe nobubele nothando nokuba sibaphathe bonke abantu esidibana nabo ngentlonipho nobubele.

Sikelela esi sifundo sesiKolo seCala kwaye siyakubulela ngokusenyula ukuba sibe ngabantwana baKho.

Sincede ukuze sihlale sithembakele kwaye sithobekile kuWe ude ubuye ukusithabathela eKhaya kunye naWe.

Sikucela konke oku egameni elihle. Amen

Umthandazo emva kwesifundo:

Bawo othandekayo osezulwini,

Enkosi ngokusigcina sikhuselekile nokusivumela nokuba sibe nako ukuba nesifundo sesiKolo seCawa esihla. Enkosi ngokusikhusela nokusigcina kuzo zonke iingozi.

Siyakucela sincede ukuze sisoloko sibathbele abazali bethu kwaye sibe nobubele kumntu wonke esidibana naye. Siyakucela ukuba usincede ngomsebenzi wethu wasekhaya.

Sikelela iNtloko yethu yabaPostile, abaPostile nazo zonke iinkokheli. Nceda uzigcine zikhuselekile xa zihamba ukuze zibe nako ukusifundisa ngakumbi ngomsebenzi wakho omkhulu, Nkosi ethandekayo.

Siyakucela nceda bonke abantwana baKho, ingakumbi abo bagulayo nabo bengenakutya okanye indawo yokusithela. Nceda uze kamsinya usithabathele sonke ekhaya.

Sikucela konke oku, kungekuba sikufanele, kodwa egameni likaYesu. Amen.